

UZola lo wayengakuthandi ukuhlamba. Wayengakuthandi kwaphela ukuhlamba iinwele zakhe.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 2 2017/10/17 9:36 PM



Wayengakuthandi nokuhlamba ubuso obu. Wayengakuthandi kwaphela ukubrasha amazinyo.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 3 2017/10/17 9:36 PM



"Khawuyokuhlamba Zola!"
utshilo umama wakhe.




SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 4 2017/10/17 9:36 PM



"Heyi kwedini Zola hamba uyokuhlamba!" utshilo utata wakhe.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 5 2017/10/17 9:36 PM



UZola wahlamba, wazihlambisisa kunjalonje. Wahlamba iinwele zakhe. Wahlamba ubuso bakhe neendlebe. Wahlamba iingalo zakhe. Wahlamba nemilenze yakhe.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 6 2017/10/17 9:36 PM



UZola wakhangeleka emhle ecocekile. "Khawukhangele!" watsho umama wakhe. "Enje inzwana!" watsho utata wakhe.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 7 2017/10/17 9:36 PM





Ngelishwa usizana olunguZola lwawa lwamdaka kwakhona.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 8 2017/10/17 9:36 PM



Ndisemncinane ndandikufuna kakhulu ukuya esikolweni kodwa ndandingakwazi.



Ndandifuna ukuba nabahlobo abaninzi, kodwa ndandingenabani.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 11 2017/10/17 9:37 PM



Ndandifuna ukuba nenjana kodwa ndandimncinane kakhulu ukuba ndingakwazi ukukhathalela inja.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 12 2017/10/17 9:37 PM



Ndandifuna ukufunda ukuthetha isiXhosa.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 13 2017/10/17 9:37 PM



Ngoku ndikwibanga lesi-3. Ndinabahlobo abaninzi. Abakhulu, abancinci, abantsundu, abamhlophe, amakhwenkwe namantombazana. Ndiyakuvuyela ukuba nabahlobo abaninzi abalungileyo.




SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 14 2017/10/17 9:37 PM




Namhlanje lusuku lwam lokuzalwa. Ngoku ndineminyaka elithoba. Ndonwabe kakhulu. Ndifumene le njana njengesipho somhla wokuzalwa kwam. Ndifumene nencwadana endifundisa indlela yokuyikhathalela.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 15 2017/10/17 9:37 PM



Enkosi Thabo. Enkosi Nomsa. Enkosi ngezipho zosuku lwam lokuzalwa. Enkosi ngokuba ngabahlobo bam.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 16 2017/10/17 9:37 PM



UJan ulime umthi.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 18 2017/10/17 9:37 PM



Sikhathalela iintsapho zethu. UJohn ukhathalela umhakhulu wakhe aze yena uGugu akhathalele udade wabo olusana.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 19 2017/10/17 9:37 PM



UPhumla uchole amaphepha wacoca ibala lokudlala.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 20 2017/10/17 9:37 PM



UJabu noSam basuse ukungcola emlanjeni.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 21 2017/10/17 9:37 PM



ULulu use injana egulayo eSPCA.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 22 2017/10/17 9:37 PM



UBongi ufowunele umkhosi wabacimi-
mlilo exela umlilo wasendlle ovuthayo.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 23 2017/10/17 9:38 PM




Umama kaGugu wacela uGugu ukuba aye evenkileni.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 26 2017/10/17 9:38 PM



Wanika uGugu uluhlu lwezinto emazithengwe nemali. UGugu wahamba nomhlobo wakhe osenyongweni uJane.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 27 2017/10/17 9:38 PM




UGugu wafunda uluhlu lwezinto emazithengwe waze waya kukhangela isonka namaqanda. Emva koko wakhangela isepha. Izandla zikaGugu zazizele.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 28 2017/10/17 9:38 PM




"Uxolo," wabuza uGugu:
"Ndingalifumana phi iphepha lasethoyilethi?"

" Yimalini iphepha lasethoyilethi?"

"Ndingalufumana phi ubisi?"

"Yimalini ubisi?"



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 29 2017/10/17 9:38 PM




"Ndifuna isipinatshi."

"Yimalini isipinatshi?"

"Ndifuna ama-apile."

"Yimalini ama-apile?"

"Ndifuna iitapile."

"Yimalini iitapile? "



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 30 2017/10/17 9:38 PM




... uGugu wabhatala izinto ezithengiweyo.

"Ndidiniwe!" watsho uGugu.

"Imini yam ibibhizi kakhulu."



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 32 2017/10/17 9:38 PM

# 5 Esona sikolo sicocekileyo edolophini



Namhlanje lukhuphiswano lococeko esikolweni sethu. "Ndiyathemba siza kuphumelela," utshilo uprinsipali wethu. "Ndiyathemba siza kuphumelela," utshilo utitshala wethu. "Siyathemba siza kuphumelela," batshilo bonke abantwana.




SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 33 2017/10/17 9:38 PM



Sicoce iibhedi zeentyatyambo.
Sicoce igadi yeveji.
Sichola-chole ubumdaka emabaleni okudlala.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 34 2017/10/17 9:39 PM



Sicoce ikhitshi lesikolo.
Sivase iimbiza.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 35 2017/10/17 9:39 PM



Sivase iifesitile.
Sitshayele iklasi.
Siqoqoshe iidesika zethu saze sapakisha neencwadi.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 36 2017/10/17 9:39 PM




Sicoce inkunkuma engaphandle kwesikolo.
Sicoce nokungcola okusesitophini sebhasi neseetekisi.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 37 2017/10/17 9:39 PM




Kwakubengezela yonke indawo ukufika kweejaji.




SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 38 2017/10/17 9:39 PM



"Halala sikolo saseLesedi!"
"Niphumelele indawo yokuqala," utshilo usodolophu.
"Niza kutyelela ezu."



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 39 2017/10/17 9:39 PM



Simkile!

Ibhasi enye, ezimbini, ezintathu zizele qhu ngabantwana abaya ezu.




SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 40 2017/10/17 9:39 PM



Lunini usuku lokuzalwa kwakho?
Lungomhla wama-22 kuJulayi.
Lungexesha lasebusika.
Kuyabanda kwaye kusibekele.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 42 2017/10/17 9:40 PM



Lunini usuku lokuzalwa kwakho?
Lungomhla wesi-5 kuDisemba.
Lungexesha lasehlotyeni.
Kukho ilanga kwaye kushushu.




SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 43 2017/10/17 9:40 PM



Lunini usuku lokuzalwa kwakho?
Lungomhla woku-1 kuMeyi.
Lungexesha lasekwindla.
Kukho umoya kwaye kupholile.




SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 44 2017/10/17 9:40 PM



Lunini usuku lokuzalwa kwakho?
Lungomhla wesi-6 kuSeptemba.
Lungexesha lasentwasahlobo.
Kukho ilanga kwaye kufudumele.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 45 2017/10/17 9:40 PM



Lunini usuku lokuzalwa kwakho?
Lunamhlanje!



Kuyana, kwaye sisichotho.
Umoya uvuthuza ngamandla kwaye kubanda kakhulu.
Masenze ipati.



SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 47 2017/10/17 9:40 PM

Imvula, imvula
Chapha chapha chapha
Imanz' ilokhwe yam.
Chapha chapha chapha
Imanz' ilokhwe yam.
Gqum gqum kuyaduduma.
Gqum gqum kuyaduduma.





SAL_Gr3_BB1_Xhosa.indd 48 2017/10/17 9:40 PM